Isalathiso: 20200128-3715
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0004/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kuBaphathi bokunika iNkxaso eKufundeni *(Learning Support Managers*) nakwiNqununu zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) ka-2020 yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

1. ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-*WCED*) yezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa iya kuqhutywa nge-**03 Matshi 2020.** Ziya kucelwa iinqununu ukuba zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi neyootitshala kwi-*Central Education Management Information System* (*CEMIS*). Umhla omisiweyo kubaphathi bokunika inkxaso ekufundeni wokusayinelwa kwedatha yeSaveyi eQuphayo yi-**13 Matshi 2020**.

2. Phambi kokuba kusayinelwe idatha kwi-*CEMIS,* iinqununu okanye abo kudluliselwe kubo amagunya mabaqinisekise ukuba oku kulandelayo kubonakala ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*:

2.1 Bonke abafundi ababhalisileyo nabahamba isikolo ngo-2020 bayavela ngokuchanekileyo kumabakala abakuwo, kwiiklasi nakudidi lolwimi lokufunda nokufundisa (*language of learning and teaching) (LoLT)*.
2.2 Kuzalisiwe ukubhaliswa kwabafundi abangenayo nabakhutshiweyo esikolweni (*Learner transfer* (*in and out*).
2.3 Kuzaliswe ukutshintshwa kwamabakala.
2.4 Kuzaliswe ukutshintshwa kwezifundo.

3. Iinqununu maziqinisekise ukuba ihlaziyiwe yaye ingqinisisiwe ilisti yootitshala kwi-*CEMIS* yaye, kwakunye neminyaka yamava, amabakala kwakunye nezifundo ezifundiswa ngo-2020. Makasuswe amabakala nezifundo ezifundiswa kwiminyaka engaphambili ukuba azifanelekanga kumsebenzi katitshala wango-2020.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel.: +27 21 467 2289 Fax: +27 21 425 7445
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

4. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yabafundi nootitshala, kukho iqela leengxelo zemposiso *(error reports*)ezifumanekayo ukukhokela ukuchaneka kwedatha ekhoyo efakwe kwi-*CEMIS*. Kucelwa niqinisekise ukuba zonke iimposiso eziboniswe zezi ngxelo ziyasonjululwa phambi kokuba zisayinelwe iingxelo.

5. Icandelo lokusayinelwa kwesaveyi malizaliswe ukuvuma ukuba idatha ingqinisisiwe yaye ilibonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi nenani labasebenzi *(staff)* nge-03 Matshi 2020

6. Ziyacelwa izikolo zezibhedlele ukuba zizalise isaveyi esephepheni izikolo eziya kuyinikwa ngqo.

7. Emva kokuba iinqununu ziyisayinele idatha nge-03 Matshi 2020, i-*snapshot* sayo yonke idatha yabafundi nootitshala siya kwenziwa, kwaye naziphi na iimposiso ezishiyekileyo mazisonjululwe phambi kokuba isayinelwe idatha ngumphathi wokunika inkxaso ekufundeni nge-13 Matshi 2020.

8. Njengegosa leziko le-*EMIS (institutional EMIS officer*), inqununu mayizisingathe iinkqubo zedatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina obuyingqinisekiso neesignitsha zabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya okutshekisha idatha, bunako ukwandlalwa phambi kwabaphicothi-zincwadi xa kwenziwe isicelo soko. Mazirekhodwe iinkqubo zesikolo zokuqwalaselwa kwedatha ye-*EMIS* ukuqinisekisa ukubanako ukuphendula ngokuqhubekayo malunga nokuchaneka kwedatha, njengoko ingcaciso inokuphicothwa.

9. Kunyanzelekile kusetyenziswe inombolo yesazisi kazwelonke (*national identity (ID) number*) kubo bonke abafundi abakwiisistim zolawulo nokuphathwa kwezikolo ezikwikhompyutha (*computerised school administration and management systems)*. Iyafumaneka ingxelo ye*CEMIS* ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zesazisi (ID) nokuququzelela ukufakwa kwikhompyutha kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, MAYINGAFAKWA inombolo yesazisi (ID) engekho mthethweni. Niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi (ID) kwiSebe leMicimbi yezeKhaya (*Department of Home Affairs)*. Ziyacelwa iinqununu zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

10. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane noMphathi weSekethe ochaphazelekayo okanye negosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

ISITHILI	UMLAWULI WE-*CEMIS* WESITHILI	INOMBOLO YEFONI.	I-IMEYILI
Metro North	Masixole Stofile Zintle Notununu	021 938 3052/ 021 938 3101	masixole.stofile@westerncape.gov.za zintle.notununu@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751/ 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120/ 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za
Metro East	Buseka Ndinisa Thembeka Dlamini	021 900 7053/ 021 900 7011	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Kevin van Eeden Shamiel Abrahams	023 348 0635 023 348 0655	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za shamiel.abrahams@westerncape.gov.za
Overberg	Suzanne Braaf	028 214 7411	suzanne.braaf@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Romelda Booysen Keith Zibi	044 803 8367/ 044 803 8346	romelda.booysen@westerncape.gov.za keith.zibi@westerncape.gov.za

11. Ngethuba leSaveyi i-*Education Data Quality Audit (EDQA*) eqhutywe kwiKota 2 ka-2018, kwagxininiswa ukuba izikolo azizigcini zichanekile iirekhodi. Ngenxa yoko, iSebe i-*WCED* liya kubeka esweni ukuthotyelwa kwale nkqubo nomgangatho wedatha yeSaveyi ye*SNAP* eQuphayo engenisiweyo yaye liya kunika ingxelo kwiNtloko yezeMfundo ngazo naziphi na izenzo zokungathotyelwa kwale nkqubo, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha.

12. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukuba mazibe nolwazi ngemiqathango yobhaliso lwazo. Makuqatshelwe ukuba ukuzifezekisa kanye ngqo iimfuno ezimiselweyo zedatha zeSebe i-*WCED* kuyinxalenye yale miqathango, yaye ukungathotyelwa kwazo kunokukhokelela ekubeni zicinywe izikolo ezincwadini.

13. ISebe i-*WCED* liya lithakazelela igalelo nokuzimisela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano eya kuqhubeka okoko ngo-2020.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-02-14